**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**INQANABA ELIPHANTSI**
**(Iphepha Lokuqala)**

**IXESHA: 2 Iiyure**

**AMANQAKU: 80**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B, C.
- Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
- Bhala ngokwemiyalelo oyinikiweyo.
- Nombola imibuzo yakho ngokomyalelo.
- Bhala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

---

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule uphendule imibuzo engezantsi.

Kwimihla esiphila kuyo simele sizonwabise ngexesha lobutsha bethu. Okona kubalulekileyo nangaphezulu ekuzonwabiseni kwethu kukuba sizonwabise ngendlela eyakhayo. Masizondle iingqondo zethu ngolwazi, imiphefumlo yethu ibe seluxolweni, sithande uxolo, sinciphise imida yobutshaba.

Sakuxhoba ngolwazi siya kukwazi ukuziqonda nokuziqiqa izinto esizenzayo nezo zenziwa ngabanye phambi kokuba sigwebe. Kulungile ukwabelana ngezimvo nezizalwana nezalamane kanti nabo bangumzekelo omhle eluntwini. Sivuna lukhulu kubo, kuba banamava ngobomi. Amava abo asenza sikhule, hayi ngokomzimba kodwa ngokwengqiqo sikwazi ukumelana nokusombulula amaqhina axabe endleleni yethu. Zininzi ke iindlela zokuzondla, njengoko umntu engaphili ngokutya kuphela.

Amaphephandaba ayasixhobisa ngeziganeko ezenzakayo imihla ngemihla ngemiba eyahlukeneyo. Xa ungumfundi wamaphephandaba iimagazini uhlala unolwazi. Amanye amaziko anikeza uluntu ezisematheni, asenokukhupha iingxelo ezingeyonyaniso ngempazamo kodwa noko kunjalo aye azilungise ezo mpazamo. Kumabonakude kukho iinkqubo zolutsha zibhexeshwa lulutsha ngokwalo luxhobisana ngendlela zokuziphatha nokuzingca ngobutsha balo. Zininzi iinkqubo zolutsha kumacandelo onke ejelo losasazo iSABC njengeTake 5 kwiSABC 1.

1.1 Nika esi sicatshulwa isihloko. (2)

1.2 Luhlobo olunjani lokuzonwabisa olu kuthethwa ngalo apha? (1)

1.3 Yintoni ekumele siyenze ukuze sifumane ulonwabo:

1.3.1 Ngokwasemphemfulweni? (1)

1.3.2 Ngokwasengqondweni? (1)

1.4 Lusinceda kanjani ulwazi? (1)

1.5 Ngoobani abanokusinceda ekusixhobiseni ngamava obomi? Yitsho abe mnye. (1)

1.6 Ulwazi singalufumana nakwamanye amaziko. Yitsho iziko libe linye. (1)

1.7 Yitsho ukuba yinyaniso okanye bubuxoki.

1.7.1 Inkqubo yeTAKE 5 isasazwa kwijelo losasazo3 (sabc 3).

1.7.2 Amaziko anika uluntu ulwazi awazenzi iimpazamo. (2)

1.8 Khetha impendulo echanekileyo:

1.8.1 Ukunciphisa imida yobutshaba kuthetha oku:

A. Iintshaba zethu masingazivumeli ukuba kufutshane nathi.
B. Kwesikwenzayo nesikuthethayo masandise abahlobo.
C. Masingabi nabahlobo abaninzi. (1)

1.8.2 A. Singabelana ngolwazi nabo banamava ngobomi kuphela.
B. Amava ayasikhulisa nangokomzimba.
C. Ukuzixhobisa ngolwazi kusenza siziqonde izinto ezenzekayo. (1)

**[12]**

B. INGABA SELE UKULUNGELE NA UKUTSHATA?

Lo mbuzo ungakhangeleka ulula kwabanye ukuwuphendula kuba mhlawumbe bekwiminyaka ethile yobudala besezingeni lokuba bangenda. Kwabanye ungavuselela ingcingane yokuba kanene njengokuba umntu ekhula usamelwe luxanduva lokukhetha umntu afuna ukubuchitha naye ubomi bakhe njengendoda nomfazi. Kuye ke kuvele intaphane yemibuzo. Ubuhle bekhiwane zimpethu ngoko ke kufuneka umntu azivelele zonke iinkalo ekuzingeleni iqabane. Ndifuna umntu onjani ngokwenkangeleko nokuziphatha ekuhlaleni? Ingaba uyakukwazi ukuzanelisa iimfuno zakho? Mininzi imibuzo esinokuzibuza yona, eminye iyaphenduleka kodwa eminye ayinampendulo isishiya singabaza. Enye impazamo esiye siyenze kukusoloko sijonge ukwamkela kuphela singacingi ngoko thina esinokukunikela emtshatweni.

Siqala phi ke ukuzihlola ukuba sesikulungele ukuthabatha izigqibo ngokungena kweli nqanaba lokutshata? Singaqala ngokuba nenkcazelo ezeleyo ngomtshato. Olo lwazi singalufumana kwabo sele besemtshatweni ingakumbi kwabo baphumelelayo ukuba ngumzekelo omhle. Singazifumana iingcebiso kubafundisi bakwalizwi. Singalufumana ulwazi kwiimagazini ezinika iingcebiso ngokwenza umtshato wakho ube ngophumelelayo. Asingewagqibi amaziko anokusixhobisa ngalo mba. Kufuneka sizibuze imibuzo ethe ngqo yobuqu. Ungumntu onjani ngokokuqiqa,ngokwemvakalelo, ngokunyaniseka, ngokokuxolela xa izinto zithe azakuhambela kakuhle? Ingaba uyakukwazi na ukuhlangabezana nokusilela kwiqabane lakho? Ingaba imbambano ebenithe naba nayo nayixoxa naxolelana ayisayikuphinde ivuswe kwiimbambano ezizezinye ezinokuvela? Mininzi imibuzo zimbalwa iimpendulo. Ingaba izenzo zakho nentetho yakho zibonisa ukuvuthwa ngokwengqiqo? Emtshatweni kufuneka undiliseko nentlonipho. Ingaba sele ukulungele ukukhulisa intsapho? Uyaluqonda uxanduva lokukhulisa umntwana? Ingaba uyayiqonda indima yakho yobuzali ekuluqeqesheni nasekulondleni ngokwasemoyeni, ekuziphatheni nasempilweni usapho lwakho?

Singenza ntoni ukuze umtshato wethu uphumelele ? Uthando olunyanisekileyo naphantsi kwayiphi na imeko, olungazenzisiyo, olumnene lusisisekelo lwentlalo entle nemyoli kuba lugubungela zonke iziphene neziphambeko. Ukwethembeka nokunyaniseka kwenza umkhaya uphile ngolonwabo yaye kukho novelwano. Olo nxibelelwano lunjalo lubonisa inkathalelwano. Ukubuza nje uwenu ngendlela aluchithe ngayo usuku lwakhe emsebenzini kuthetha lukhulu kuye.

Unxibelelwano lwenza ukuba kubekho ubudlelwane obuphilileyo phakathi kwamaqabane emtshatweni,kuba xa kukho ukungaqondi kwizinto ezithile ziyathethwa kucaciselwane kuboniswane ziqondakale. Emtshatweni akukho mntu unemfihlo komnye ukuze nihlale nithembana. Ikho ke phofu imfihlo iyamkelekayo yezithandani yokonwabisa iqabane lakho mhlawumbi ngesipho ingalindelanga okanye kuphunywe kuyokutyiwa ngaphandle kuboniswana indlela ekuxatyiswene ngayo. Njengoko umtshato ungasoloko uyibhotolo kufuneka ube ngumntu ozinikeleyo kuwo ukuze nikwazi ukuncedisana ekusombululeni amaqhina avamisa ukuxaba endleleni iwutsho umtshato ube muncu.

Zikho ke nezinto ezingawuchitha umtshato ,ubukhwele ukuzigwagwisa, intlebendwane. Singabantu asigqibelelanga siyazenza iimpazamo apho omnye oyisakala khona sukuhamba uthetha kakubi ngaye fihla amahlazo akhe.

1.9 Ingaba sele ukulungele ukutshata? Kutheni usitsho njalo? (2)

1.10 Khawutsho izinto ezimbini ocinga ukuba zisisiseko emtshatweni. (2)

1.11 Ingaba inkangeleko yomntu yangaphandle yonele ukuba umntu angakhetha undofanaye? Cacisa. (2)

1.12 Njengoko ufunde esi sicatshulwa, ungawuchaza uthi uyintoni umtshato? (3)

1.13 Yitsho okokuba yinyaniso okanye bubuxoki .Bhala impendulo kuphela.

A. Njengomtshatikazi akukho nto ndinganikela ngayo.
B. Iingcebiso ezizizo singazifumana kuphela kwabo sele besemtshatweni kuba banamava.
C. Apho kukhona uthando indlela yokwenza izinto yenza ubomi bube myoli yaye nonxibelelwano luyawakha umzi. 1x3=(3)

1.14 Tshatisa amabinza aku- A neencazelo eziku -B

| A | B |
|---|---|
| 1.14.1 Unxibelelwano nokuhlonipheka.<br>1.14.2 Uxolelwano.<br><br>1.14.3 Imfihlo.<br>1.14.4 Ukukhula ekuthetheni nasekwenzeni izinto. | A. Kunika isidima.<br>B. Lwenza okokuba izinto ezingaqondakali zisonjululwe.<br>C. Ziyawuchitha umzi.<br>D. Lwenza amaqabane ahlale onwabile. |

1x4=(4)

1.15 Yitsho imisebenzi emibini yomzali. (2)

1.16 Yintoni esingayenza thina ukuze imitshato yethu iphumelele ?Yitsho izinto ezimbini. (2)

1.17 Ungalibonisa kanjani iqabane lakho ukuba ulikhathalele? (2)

1.18 Xa iqabane lakho lisilela ekwenzeni into eyimfanelo yalo ukuba liyenze ungalinceda kanjani? (1)

**[23]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [35]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

Shwankathela esi sicatshulwa ngezivakalisi.
Sebenzisa amazwi akho.
Bhala ngezivakalisi ezihlanu.
Ulwabiwo manqaku : Izivakalisi =5, ukusetyenziswa kolwimi =2, umxholo =3

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule ukusishwankathela.

Ityala likaZoleka lavavanywa iintsuku ezine, lathabatha iiveki zane liqulunqwa yimantyi yaseQonce, laza ke lamiswa. Kwacaca ukuba alibalingananga oomantyi, lamiselwa ke ijaji. Ezo ntsuku zone yayizala iphuphume inkundla, kugilwana ngezifuba ngababukeli. Asizi kubalisa nto ingako ngezi ntsuku kuba owona mhla sifunzele kuwo ngulowo mhla mkhulu, mini eli tyala lachotshelwa yijaji.

Ubuye wavalelwa uZoleka kwakhona. Ibala lakhe elihle lajika lampatshampatsha, wabuntshatharha. Amehlo la ayenezangqa. Wabhitya wahebhuka kwanga kudala elapho entolongweni. Ukutya kwakungangeni, loo papa imtyuba ingenaswekile ncam, yayisuka isitshukulise isisu; ezo nkobe zithe pecu ukuvuthwa zazisitsho isisu sakhe sithi nyaka. Into eyayimchuba yintlalo le yalapho, kuba waqonda okokuba ikukufa kufunjiwe. Loo nto ke yabangela ukuba imini le yokuthethwa kwetyala yanga kukuza kukaNxele. Imizuzu yanga ziintsuku; iintsuku zanga ziiveki; iiveki zanga ziinyanga, neenyanga zanga yiminyaka.

Zaqengqeleka iintsuku, ahamba amaxesha, yada yafika imini ekade ixelwa umhla we-18 kuMatshi. Uloliwe ovela eBhayi wayezele emi ngeembambo, kungekho nendawo le yokuma. Ingxolo eyayilapho yayingaphezulu nakweyamantshiyane. Le mpi izalise lo loliwe ngele kwabo bavela koomaBhayi, yimpi eze ematyaleni ivela kwezo zithili neziphaluka zaseXesi. Yathi ukuhla kwayo apho eQonce yanga ngumkhosi mhla ngohlaselo. Yaba ngumbono ukunyuka kwayo isitalato isinga phezulu kwinkundla yamatyala. Abafazi babephethe ofephiwe bezele kukutya kweentsana, bambi bethwele iityali zabo bekho naba babebhinqe iilema ezinqeni. Amadoda wona ayexhabashe ootshotsh'ufe bedyasi, esimelela ngemikrolo yawo. Zenjenjeya iintw'ezinkulu, zafika zee gwaqa neemazi zazo phambi kwenkundla, ziphumle phantsi kwemithi.

(Ukuqhawuka kwembeleko ngu-D. M Jongilanga)

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

ICANDELO C

**UMBUZO 3**

- Phendula yonke imibuzo kweli candelo.

3.1 Funda esi siqendu wandule uphendule imibuzo elandelayo.

Kwelo pomakazi uVelile wayehlala nobawokazi wakhe kuba abazali bakhe, unina noyise basweleka kwingozi yemoto. Uthando lukaDlamini lwalubafudumeza aba bantwana batsho balibale ngezibaxhela umphemfulo, ubone ngemizimba ukuba bayondliwa ngenxa zonke. Lo mfo kaDlamini neBhelekazi babewongwe ngamakhwenkwana amabini.

3.1.1 Khetha igama libe linye elibonisa isandiso okanye ubukhulu. (1)

3.1.2 Gqibezela esi sivakalisi ngesini sesikhomokazi.
ULinda wayehamba noyise no............. ukuya edolophini. (1)

3.1.3 Bhala esi sivakalisi sibe kwisinye.

Uthando lukaDlamini lwalubafudumeza aba bantwana

(2)

3.1.4 Sebenzisa eli gama "zonke" kwisivakalisi sakho. (2)

3.1.5 Khetha impendulo ubhale isimboli kuphela.

(a) Ukondliwa ngenxa zonke kuthetha oku:

A. Babephiwa ukutya.
B. Babengoneli kukuphiwa ukutya kodwa nentlalakahle yabo yayiqwalaselwa. (1)

**[7]**

3.2 Gcwalisa izikhewu ngamagama achanekileyo ukhethe kulawo owanikiweyo. Bhala impendulo kuphela.

| Nesele, ceke, okomcinga, shici, noMxesibe, lenye. |
|---|

Ndambona kwelo dili umfo kaDinga. Ndandimazi engumfo onomzimba owondlekileyo. Ndothuka ndakumbona ebhitye 3.2.1______. YayinguMbo no 3.2.2________ icamagu lalivumile kwelo theko. Obo bumnandi baphantse badungwa nguSipho noLizo kuba kaloku abavani yinyoka 3.2.3____. (3)

3.3 Bhala isivakalisi ngala magama.

| Ezincwadini ngawe kobaliswa zembali |
|---|

(1)

3.4 Hlanganisa ezi zivakalisi.

| Masixhobe ngolwazi. Masikwazi ukuthabatha izigqibo. |
|---|

(1)

3.5 Gqibezela ezi zivakalisi zilandelayo.

| USipho noLizo 3.5.1____ (bopha) ngenxa 3.5.2 _____ (phazama) ucwangco 3.5.3_____ (idili) likaNomsa. |
|---|

(3)

3.6 Bhala esi sivakalisi kwixesha ngalinye olinikiweyo.

| *Ndambona kwelo dili uLizo* |
|---|

3.6.1 Elizayo

3.6.2 Eliya kuza

3.6.3 Elidlulileyo (3)

3.7 Nika igama eliphikisa elo linomgca ngaphantsi.

| UThemba noFana babezintshaba njengoko babengakwazi ukuhlalelana kwiindibano ababeba kuzo. Le nto yabo yokungavani indala kuba ekukhuleni kwabo babeyinyoka nesele. Intsusa yale ntiyo kukuba uFana ukhuthele. |
|---|

(3)

3.8 Nika iintsingiselo zamabinza anomgca.

> Athi akugaleleka amapolisa lanqum'inqatha kwaphela ukucikoza. Wayekhuzwa kuloo mikhwa yakhe mibi yobusela nokutshuthula iimoto zabantu. Waqhekeza indlu yepolisa, kwabe uzinqikele ilitye elineembovane. Wabethwa ngokumasizi waya kulala ngandletyana nye esibhedlela. Kodwa noko kunjalo ayisonwabisi loo nto kuba inxeba lendoda alihlekwa.

(4)

3.9 Lungisa iziphene ngokuthi ufake iimpawu ezifanelekileyo.

> abafundi bavuye kakhulu ngeziphumo zabo kuya kuba njani mhlana inguwe ophumeleleyo ibanga leshumi uthemba uphulele emagqabini kuzo zonke izifundo.

6÷2=(3)

3.10 Nika igama elinye endaweni yeli binzana. Khetha kumagama owanikiweyo.

> Ukufukutha, ukubangula, ukunuka

> Ndandiqala ukubona abantu besitya inyama eluhlaza engaphekwanga wawungade ubakrokrele ukuba bayathakatha .Andigxeki nto ke phofu kuba uhlanga nohlanga lwenza izinto ngokwendlela oluphila ngayo.

3.10.1 Ukutya inyama eluhlaza.

3.10.2 Ukrokreleka ukuba uyathakatha. (2)

3.11 Gcwalisa ngegama elithetha into enye nelo linomgca. Khetha kumagama owanikiweyo.

> – colothi, -mqolo, -mfesane
> – Njengoko izithuthi zazinqabile kulo ngingqi,walubeleka 3.11.1 --- emhlana usana lwakhe elisa esibhedlele.Ufike apho ngongcwalazi .Ababelinde ugqirha 3.11.2----babanenceba bamnika ithuba lokuba angene kuqala kugqirha.Babeyiva incwina kumguli.

(2)

> “Ncedisani abantwana benu ukuze iziphumo zibe zezincumisayo.”Utshilo umphathisikolo.

3.12 Qala ngala mazwi,Umphathi wesikolo ubongoze abazali - - - - (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: [35]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHELO**